basic education

Department:
Basic Education
REPUBLIC OF SOUTH AFRICA

# SENIOR CERTIFICATE EXAMINATIONS/
# NATIONAL SENIOR CERTIFICATE EXAMINATIONS

**ISIXHOSA ULWIMI LOKUQALA OLONGEZELELWEYO (FAL)**

**IPHEPHA LESIBINI (P2)**

**2019**

**AMANQAKU: 70**

**IXESHA: 2 iiyure**

**Olu viwo lunamaphepha angama-25.**

## IMIYALELO NENGCACISO

1. Funda le miyalelo ngenyameko phambi kokuba uqalise ukuphendula imibuzo.

2. MUSA ukuzama ukufunda lonke iphepha lemibuzo. Yiya kwiphepha lesiqulatho elilandelayo uze uphawule amanani emibuzo esetwe kwiincwadi ozifundileyo kulo nyaka. Emva koko, funda le mibuzo uze ukhethe leyo ufuna ukuyiphendula.

3. Eli phepha linamaCANDELO amaNE:

   ICANDELO A: Inoveli (35)
   ICANDELO B: Idrama (35)
   ICANDELO C: Amabali amafutshane (35)
   ICANDELO D: Isihobe (35)

4. Phendula imibuzo emiBINI kumacandelo amaBINI, ngolu hlobo:

   ICANDELO A: INOVELI
   Phendula umbuzo kwinoveli oyifundileyo.

   ICANDELO B: IDRAMA
   Phendula umbuzo kwidrama oyifundileyo.

   ICANDELO C: AMABALI AMAFUTSHANE
   Phendula imibuzo esetwe kumabali amafutshane omaBINI.

   ICANDELO D: IMIBONGO
   Phendula imibuzo esetwe kwimibongo yomiBINI.

5. Sebenzisa itshekhlisti ukuzincedisa.

6. Landela imiyalelo esekuqaleni KWECANDELO NGALINYE ngononophelo.

7. Nombola iimpendulo zakho kanye ngokwendlela ekunonjolwe ngayo kwiphepha lemibuzo.

8. Qala ICANDELO NGALINYE kwiphepha ELITSHA.

9. Sebenzisa imizuzu engama-60 KWICANDELO NGALINYE.

10. Bhala ngokucocekileyo nangokucacileyo.

**IPHEPHA LESIQULATHO**

Eli phepha liza kukunceda ukwazi ukukhetha imibuzo ofuna ukuyiphendula ngaphandle kokufunda lonke iphepha.

| **ICANDELO A: INOVELI**<br><br>**Phendula NAWUPHI umbuzo OMNYE okwinoveli oyifundileyo.** | | |
|---|---|---|
| **INANI LOMBUZO** | **AMANQAKU** | **IPHEPHA** |
| 1. *Kusa Kusihlwa* | 35 | 5 |
| | | |
| 2. *Umqol' uphandle* | 35 | 8 |
| | | |
| 3. *UMonwabisi* | 35 | 11 |
| **ICANDELO B: IDRAMA**<br><br>**Phendula NAWUPHI umbuzo OMNYE okwidrama oyifundileyo.** | | |
| 4. *Ndiyekeni* | 35 | 14 |
| | | |
| 5. *Inzala YamaRhamba* | 35 | 18 |
| **ICANDELO C: AMABALI AMAFUTSHANE**<br><br>**Phendula YOMIBINI imibuzo esetwe kumabali amafutshane.** | | |
| 6.1 'Kanti andizenzanga' | 17 | 21 |
| | | |
| 6.2 'Umhlahlo ngamehlo' | 18 | 22 |
| **ICANDELO D: ISIHOBE**<br><br>**Phendula YOMIBINI imibuzo esetwe kwimibongo.** | | |
| 7.1 'Ingcwaba' | 17 | 24 |
| | | |
| 7.2 'Mfazindini waseAfrika' | 18 | 25 |

**ITSHEKHLISTI**

**QAPHELA:** Phendula imibuzo emibini kumacandelo amaBINI.
Phawula (√) amacandelo owakhethileyo.

| ICANDELO | IINOMBOLO ZEMIBUZO | INANI LEMIBUZO EPHENDU-LWAYO | PHAWULA (√) |
|---|---|---|---|
| A: Inoveli<br><br>(*Kusa Kusihlwa*)<br>(*Umqol' uphandle*)<br>*(UMonwabisi)* | 1–3 | 1 | |
| | | | |
| B: Idrama<br><br>(*Ndiyekeni*)<br>*(Inzala YamaRhamba)* | 4–5 | 1 | |
| | | | |
| C: Amabali amafutshane<br><br>('Kanti andizenzanga')<br>('Umhlahlo ngamehlo') | 6.1 + 6.2 | 1 | |
| | | | |
| D: Isihobe<br><br>('Ingcwaba')<br>('Mfazindini wase-Afrika') | 7.1 + 7.2 | 1 | |

**QAPHELA:** Qinisekisa ukuba uphendule imibuzo kumaCandelo amaBINI kuphela.

## ICANDELO A: INOVELI

Kweli candelo, kukho imibuzo esetwe kwezi noveli zilandelayo:

- *Kusa Kusihlwa* nguKS Bongela
- *Umqol' uphandle* nguMAP Ngani
- *UMonwabisi* nguZA Japhta

Phendula YONKE imibuzo ekwinoveli oyifundileyo.

### UMBUZO 1: *KUSA KUSIHLWA* – KS Bongela

Funda ezi zicatshulwa zilandelayo zithatyathwe kule noveli uze uphendule imibuzo esetwe kwisicatshulwa ngasinye. Amanqaku awabelwe umbuzo asisikhokelo sobude obulindelekileyo bempendulo.

**QAPHELA:** Phendula imibuzo esetwe kuzo zoziBINi izicatshulwa, oko kukuthi UMBUZO 1.1 noMBUZO 1.2.

1.1 Funda esi sicatshulwa silandelayo uze uphendule imibuzo.

**ISICATSHULWA A**

'Kwowu! Ukuxoxa okanye ukubonisana nawe ngomcimbi kufana nje nokuzikhanda ngenyheke elityeni. Uthetha oku komntu ongqondo ithiwe lwale lilifu lobudenge. **Udibanisa izinto ezingadibaniyo**. Into oyifunayo kukuba kwenzeke le nto uyicingayo nokuba ibheke ecaleni, kuba kaloku weva ngoothoba-sikutyele ukuba indoda iyalawulwa. Umntu loo nto uyisebenzisa nalapho ingangeni ndawo.'

'He wethu Lungile, uzama ukundixelela ukuba andinangqondo, andibhadlanga, andiyazi into endiyithethayo? Xa unesidenge esindim uncekelele ntoni ukuhlala naso? Ewe kaloku ndisisidenge kuba kaloku bakhona ooNonkazimlo abakucebisayo ukuba musa ukubafuna abantu bakuthi ndawonye nam. Sekucacile ukuba andisengomfazi ekhaya apha. Sebekhona aba ubathembise ukuba andiseyonto kulo mzi. Kanti nichitha ixesha nje mfana kaNtsibande, andisoze ndiye ndawo. Ndingafana ndisesi sidla ubulongo, into engazi kwenzeka yona yile yokuba umane ucetyiswa emacaleni ufike sewuphefumlela phezulu, undibikela le nale emzini wam, Lungile. Mayicace into yokuba la mahlahla akho akucebisa into yokuba ulungiselele abantwana bakowenu kuphela ukuze aba bakuthi ungabahoyi. <u>Kwaye futhi into yixoxe nam kuqala</u> uyeke ukufika undinike imiyalelo ngathi ndiyintombi yakho.'

Iwagqibe la mazwi seyifutha le ntokazi ngathi lirhamba eli lichukunyiswe belilele. Ubunokuthi wakukhangela amehlo la ufike elongalonga, eyaluzela okwawenyushu.

1.1.1 Xela lo mcimbi uLungile abonisana noNomakhwezi ngawo ngokwentetha yakhe ekwisicatshulwa. (1)

1.1.2 Chaza oku kudibanisa izinto ezingadibaniyo athetha ngako uLungile kwisicatshulwa. (2)

1.1.3 Ngokolwazi lwakho lwebali ingaba ayinyani la mazwi kaNomakhwezi athi, '... into engazi kwenzeka yona yile yokuba umane ucetyiswa emacaleni'? Xhasa impendulo yakho. (2)

1.1.4 Ngokoluvo lwakho ingaba kulungile ukuba uLungile into ayixoxe noNomakhwezi kuqala? Xhasa impendulo yakho. (2)

1.1.5 Xela indima edlalwe nguNozililo ukuze kubekho le ngxoxo ikwesi sicatshulwa. (2)

1.1.6 Chaza ukuba ukuza kuhlala kukaThamsanqa kwaLungile kubuchaphazele njani ubudlelwane bukaThamsanqa noNomakhwezi. (2)

1.1.7 Xela ukuba esi sicatshulwa sithathwe kweliphi inqanaba lesakhiwo sebali. (1)

1.1.8 Loluphi udidi lozobo azotywe ngalo umlinganiswa onguLungile kwingxoxo yakhe noNomakhwezi ekwesi sicatshulwa. Xhasa impendulo yakho. (3)

1.1.9 (a) Xela udidi lwempixano ephakathi kwabakwaNtsibande nabakwaMakhwetshu kweli bali. (1)

(b) Chaza ukuba le mpixano iphakathi kwabakwaNtsibande nabakwaMakhwetshu ilikhulise njani ibali. (2)

**KUNYE**

1.2 Funda esi sicatshulwa silandelayo uze uphendule imibuzo.

**ISICATSHULWA B**

'Uyabona, Nomakhwezi, le nto uyenzayo iyakuhlaza yaye iza kuphelelisa ngokwenda. Ayenziwa le nto uyenzayo. Ungathini ukwenza ubutyobo obunje? Imoto le yabeLungu uyibulalela ntoni kuba lityala eli. Ungathini ukuwuchitha umzi wakho ngokwakho? Xa usenza le nto ujonge phi? Kunini ndithetha nawe? Kanti wawundisusa ekhaya ndizonwabele nje wawufuna ukuba ndize kubukela obu <u>bundlavini</u>? Yintoni ukwenza imikhuba elolu hlobo ngathi akufundiswanga? Indoda yinto ekhe iphathwe olu hlobo? Kanene njengokuba thina singendanga nje ilityala loo nto apha kuni kuba uthi **umntu umcebisa nje abe yena ethe nta imixhadi** aze athi akuba senkathazweni afune kwa aba bantu ebebagezela.'

'Wethu, dadobawo, wendile ungendanga, akunakuyinyamezela le nto yenziwa nguLungile.' Baye baxambulisana ithuba elide bephendulana umnyele uvuke mpela nakuYolisa. Ude woyisakala uNomakhwezi akubona kusithi thu iveni yamapolisa isiya emotweni. Akwaziwa ukuba uLungile wathini na kuwo kodwa wona athi ukugqiba kwawo ahamba.

Ukuphuma apho uYolisa uye kuLungile wafika nakuye wathetha phofu engangxoli koko emthuthuzela engxengxeza esithi makangazikhathazi kakhulu ngale nto yehlileyo. NoThamsanqa wongeza ngamazwi athambileyo watsho waziva umfo kaNtsibande esombuluka. Into angakhange ayenze kukuvula umlomo. Uye wee lwale ziingcinga ezibheke ezantsi. Le meko yomkakhe, yenze ukuba izinto zibe mfiliba ...

1.2.1 Xela isenzo sikaNomakhwezi ekuthiwa siyamhlaza. (1)

1.2.2 Nika intsingiselo yegama elikrwelelwe umgca ngaphantsi ngokwakwisicatshulwa. (2)

1.2.3 Xela ingcinga eziswa ngamazwi kaYolisa abhalwe ngqindilili. (2)

1.2.4 Ngqina ngeengongoma eziNTATHU ukuba umbhali uphumelele ukumzoba njengomlinganiswa okhohlakeleyo uNozililo kule noveli. (3)

1.2.5 Sifundisa ntoni isenzo sikaYolisa sokuthatha indawo yobuzali kuMpumelelo? (2)

1.2.6 Chaza indlela abasweleka ngayo uNomakhwezi noLungile. (2)

1.2.7 Tshatisa umlinganiswa okuKHOLAM B nenkcazelo ekuKHOLAM A.

| **KHOLAM A** | **KHOLAM B** |
|---|---|
| (a) Umlinganiswa ophikisana nazo zonke iinjongo zomlinganiswa oyintloko | (i) utitshala uNgxowankulu |
| (b) Umlinganiswa ongqongwe zizo zonke iziganeko zebali | (ii) uThamsanqa |
| (c) Umlinganiswa omele uhlobo oluthile lwabantu | (iii) uMpumelelo |
| | (iv) uNozililo |

(3 x 1) (3)

1.2.8 Ingaba le noveli iphela ngendlela elindelekileyo? Xhasa impendulo yakho. (2)
**[35]**

**UMBUZO 2: *UMQOL'UPHANDLE* – MAP Ngani**

Funda ezi zicatshulwa zilandelayo zithatyathwe kule noveli uze uphendule imibuzo esetwe kwisicatshulwa ngasinye. Amanqaku awabelwe umbuzo asisikhokelo sobude obulindelekileyo bempendulo.

**QAPHELA**: Phendula imibuzo esetwe kuzo zoziBINI izicatshulwa, oko kukuthi UMBUZO 2.1 noMBUZO 2.2.

2.1 Funda esi sicatshulwa silandelayo uze uphendule imibuzo.

**ISICATSHULWA C**

Ucinge ngeevolovolo ezimbini awayenazo ezingxoweni. Yayiyile wayeyifumene kwekaLinda ingxowa, ikho neyakhe awayesuka nayo ekhaya.
'Ndifuna umnxeba qha kuphela. **Andikho kuyo yonke le nto ukuyo wena**,' unge uyanyanzelisa ukuthetha ngoku uHlobo.
'Nguwo lowo emva kwakho ke,' utsho lo mfana esalatha kwitafilana ethe khotsho kwingxingwana emnyama kwigumbi lokuhlala.
Wonde ngayo okaHlobo, engawasusi amehlo kulo mfana. Wondela umfana. Wee xhungu uHlobo, wee xhungu nomfana … Waphinda wahamba uHlobo, walandela nomfana … Wee xhungu kwakhona okaHlobo, wee xhungu naye umfana.
'Wandilandela, yintoni?' ubuze selejalile naye ngoku uHlobo.
'Asiyonto. Sebenzisa nango umnxeba phambi kwakho, kudala undifundekela ngawo.'
'Kwedini!'
'Uzuthiy' inja yakho bawo.'
'Uyabona ke, mfana, uzungakhe ulinge ukwenza into eya kukuxaka phakathi, ndiyakulumkisa … Beka loo ntsimbi phantsi.'
Umthe ntsho ngaloo mehlo mabi umfana engashukumi.
'Ndithi kuwe beka loo ntsimbi phantsi. Ndiyagqibelisa ke ukuthetha nawe!' Uvove kancinci umfana, noHlobo wacinga ukuba uthobela loo myalelo wakhe. Kanti akavumisanga. Uthe esothuka, yabe intsimbi seyisiza ngqo ebusweni kuye. Uthe ephepha, yabe seyingene-hele ebunzi! Yamtsho wee folokohlo kuloo ngxingwa yetafile, zee saa ukuwa izinto ezazilapho. Ungekakuva ukugqejwa ngentsimbi yokuvusa amathayala eemoto, akukayiva into ebuhlungu, buza kuHlobo.

2.1.1 Xela umcimbi awuzeleyo uHlobo kwaLinda. (1)

2.1.2 Chaza ukuba ingene njani le volovolo kwingxowa kaLinda engayazi. (2)

2.1.3 Ngokolwazi lwakho lwebali ingaba ayinyani la mazwi kaHlobo athi, 'Ndiyagqibelisa ke ukuthetha nawe!' Xhasa impendulo yakho. (2)

2.1.4 Ngokoluvo lwakho ingaba kulungile ukuba uHlobo avule ingxowa kaLinda ngaphandle kwemvume yakhe? Xhasa impendulo yakho. (2)

2.1.5 Xela indima edlalwe ngamalungu ase*Moonglow Night Club* ukuze kubekho le ngxoxo ikwesi sicatshulwa. (2)

2.1.6 Chaza ukuba ubungqina obufunyenwe nguHlobo obubambisa uLinda buyichaphazele njani intlonipho uHlobo ebenayo kuLinda. (2)

2.1.7 Xela ukuba esi sicatshulwa sithathwe kweliphi inqanaba lesakhiwo sebali. (1)

2.1.8 Loluphi udidi lozobo azotywe ngalo umlinganiswa onguDuma kwesi sicatshulwa. Xhasa impendulo yakho. (3)

2.1.9 (a) Xela udidi lwempixano ephakathi kwamalungu ase*Moonglow* noEddie. (1)

(b) Chaza ukuba le mpixano iphakathi kwamalungu ase*Moonglow* noEddie ilikhulise njani ibali. (2)

**KUNYE**

2.2 Funda esi sicatshulwa silandelayo uze uphendule imibuzo.

**ISICATSHULWA D**

Intsasa yayibanda, izulu lithe gqume ziingqimba zamafu amhlophe, kukho umoyana ombi ohlabayo. Phofu lalikho ilitha lelanga elingqunga ngaphaya kwamafu, lizungula ithuba lokutyhoboza. Inkundla yamatyala eMantyi yaseMonti <u>yayilambatha abaphulaphuli</u> ngaloo ntsasa kuba yayingesosiqhelo ukuba amatyala aqale ngentsimbi yethoba isekhona eyeshumi. Kodwa nako ke.

Emkhumbini yayiyiloo nzwakazi yakwaMonti egama linguLinda. Yayingagaxele yayisusa'amaphepha, isisicicibala phantsi kwe*winter costume* emvubo-mazimba, ichophise ngezihlangu ezineengcalangcala zezithende neempumlo ezingathi ziloliwe. Yayingenakuyiva loo ngqele phantsi kwemfumamfuma ibhatyi eyayiyinyule kwa*Femina House.* **Loo bhatyi yileyo yothusa okaHlobo ekungeneni kwakhe enkundleni**. Yaba sisimanga kuye into yokuba loo ntokazi ibe nesibindi sokunxiba loo bhatyi ngaloo mhla nasezintsukwini.

Sasilapho isixhintolo sesajini yakwaNgqondi, silungisa amaphetshana okutshutshisa. Ecaleni kwaso, yayinguHlobo, esenza amabhunga angaphele ndawo nokaNgqondi lowo. Yena uKhumalo, igatyana lomfana negqwetha elaziwayo eMonti, wayezihlelele ethe cwaka kwitafilana yakhe eyodwa, emana ukuphulula imiqulu yeencwadi eyayiphambi kwakhe, eqoba iliso futhifuthi, encumelana nenzwakazi esemkhumbini. Wayemnye kuphela okhoyo kwizihlalo zabaphulaphuli, inguDuma Hlelo, isicaka esithembekileyo sikaLinda.

Ude wangena umhlekazi, iMantyi, ithe wambu umnweba wayo omnyama, ihamba netoliki yayo. Indlu inike imbeko ngokuphakama. Kudluliselwene amaphepha yimantyi nomtshutshisi.

2.2.1 Xela ukuba lityala lantoni eli kuthethwa ngalo kwisicatshulwa. (1)

2.2.2 Nika intsingiselo yebinzana elikrwelelwe umgca ngaphantsi ngokwakwisicatshulwa. (2)

2.2.3 Xela ingcinga eziswa kukothuka kukaHlobo ngokomqolo obhalwe ngqindilili. (2)

2.2.4 Ngqina ngeengongoma eziNTATHU ukuba umbhali uphumelele ukumzoba njengomlinganiswa onyolukele imali uThembisa Ntlokonkulu kule noveli. (3)

2.2.5 Sifundisa ntoni isenzo sikaEddie sokushicilela okwakuqhubeka kwintlanganiso yakhe namalungu ase*Moonglow Night Cub*? (2)

2.2.6 Chaza indlela abasweleka ngayo uEddie noLulama. (2)

2.2.7 Tshatisa umlinganiswa okuKHOLAM B nenkcazelo ekuKHOLAM A.

| KHOLAM A | KHOLAM B |
|---|---|
| (a) Umlinganiswa ophikisana nazo zonke iinjongo zomlinganiswa oyintloko | (i) uSajini Ngqondi |
| (b) Umlinganiswa ongqongwe zizo zonke iziganeko zebali | (ii) uBumba |
| (c) Umlinganiswa omele uhlobo oluthile lwabantu | (iii) uHlobo |
| | (iv) uThembisa Ntlokonkulu |

(3 x 1) (3)

2.2.8 Ingaba le noveli iphela ngendlela elindelekileyo? Xhasa impendulo yakho. (2)
**[35]**

**UMBUZO 3: *UMONWABISI* – ZA Japhta**

Funda ezi zicatshulwa zilandelayo zithatyathwe kule noveli uze uphendule imibuzo esetwe kwisicatshulwa ngasinye. Amanqaku awabelwe umbuzo asisikhokelo sobude obulindelekileyo bempendulo.

**QAPHELA:** Phendula imibuzo esetwe kuzo zoziBINi izicatshulwa, oko kukuthi UMBUZO 3.1 noMBUZO 3.2

3.1 Funda esi sicatshulwa silandelayo uze uphendule imibuzo.

**ISICATSHULWA E**

Yamothusa kakhulu loo nto kwaye yaba lihlazo elikhulu. Kwanyanzeleka ukuba ibe lihlebo labo bobathathu, kuzanywe nakanjani na ingafikeleli ezindlebeni zikaRhadebe. Wazicenga ezibongoza iintombi zakhe uMamTolo ukuba zahlukane nalo mkhuba, kungenjalo zibuyise unyawo noba kukancinane. Intoni! Zanga zifumene imvume, imali ziyibiza ngqo ngoku, zithi yeyebhabhalaza leyo ziyifunele elo xesha okanye yeyesiselo sokuxuba obo tywala. Kwathi kwakuba njalo waqonda ukuba uphosisile kwaye izinto zazise zingapha kwamandla akhe.

Wacinga indlela anokunqanda ngayo le ntlekele ingekehli, kwaba kungona acinga ngoyise waba bantwana. Wazimisela ukuba ukubuya kwakhe akayi kumlinda nokuba akhulule ibhatyi, uya kumphalazela yonke into esehla nje emotweni. Emva kwethuba ejikajikana nalo mcimbi waba bantwana engalali nasebusuku, wazifumanisa engekho msulwa naye. Wathi akucinga ngezinto ebeziqhubeka ngaphambili nendima ayidlalileyo yena njengomzali kwathi tha kuye ukuba ubamoshile aba bantwana. Ngoku kwakungasekho kwenza ngakumbi, ubisi lwaluse luchithekile. Waphinda waqonda nto ithile, eyokuba ukubaxela kuyise akuyi kubenza bayeke loo mkhuba, qha <u>iya kubohlwayisa kanobom loo nto</u>. Waphinda amehlo akhe wawamilisela kumlisela nomthinjana ngokubanzi. Wafumanisa into yokuba isihlava sotywala nentsangu siligubungele lonke ulutsha. Wazama ke ukuzixolisa ngokuthi asingobakhe bodwa abantwana abasimo sikumila kunjalo.

3.1.1 Xela le nto yamothusayo uMamTolo. (1)

3.1.2 Chaza okwakusenza ukunxila kwentombi zikaMamTolo kubelihlebo lakhe nazo. (2)

3.1.3 Ngokolwazi lwakho lwebali ingaba ayinyani la mazwi athi, '... ubisi lwaluse luchithekile' xa kubhekiswa kwiintombi zikaMamTolo. Xhasa impendulo yakho. (2)

3.1.4 Ngokoluvo lwakho ingaba kulungile ukuba uMamTolo azisole ngesimilo sabantwana esingalunganga? Xhasa impendulo yakho. (2)

3.1.5 Xela indima edlalwe nguThandabantu ekubhangeni kwamashishini akhe ngokweli bali. (2)

3.1.6 Chaza ukuba ukudaniswa kukaMamTolo ngabantwana bakhe kubutshintshe njani ubudlelwane bakhe noMonwabisi. (2)

3.1.7 Xela ukuba esi sicatshulwa sithathwe kweliphi inqanaba lesakhiwo sebali. (1)

3.1.8 Loluphi udidi lozobo azotywe ngalo umlinganiswa onguMamTolo kwesi sicatshulwa. Xhasa impendulo yakho. (3)

3.1.9 (a) Xela udidi lwempixano oluvezwa ngoMamTolo kwesi sicatshulwa. (1)

(b) Chaza ukuba le mpixano ivelayo kuMamTolo kwesi sicatshulwa ilikhulise njani ibali. (2)

3.2 Funda esi sicatshulwa silandelayo uze uphendule imibuzo.

**ISICATSHULWA F**

Akugqiba ukuthetha uMonwabisi kwakhe kwathuleka kwelo gumbi babekulo kungekho mntu uthethayo. Kwakucacile ukuba bobabini uRhadebe noMamTolo <u>babeyetyisa</u> le nto iza noMonwabisi. Kwelakhe yena uMamTolo wayethule nje kuba esanika ithuba lokucinga kuRhadebe lowo, kwaye ke esazi indlela athi achukumiseke ngayo xa kubhekiswa kuloo mashishini akhe. Ngokunokwakhe elo cebo likaMonwabisi walibona lilelona lifanelekileyo. Loo mashishini ayengaxabisekileyo kumnini wawo ayeza kuhlala engawakhe, koko nje akhe afumane ukuphumla ukusetyenziswa ngawo. Nexesha njengoko sele sitshilo lalingabavumeli, isigqibo esithatyathwayo kwakufuneka sibe sesikhawulezayo. Wazibamba sele efuna ukuthetha ongezelele kula kaMonwabisi amazwi. 'E-e, enkosi Monwabisi mntwanam ngecebiso lakho. Inene ukhulile umdala ngoku, **kwaye nengqondo yakho ivuthiwe**. Koko nje mandikucele ukhe ugoduke usishiye thina noTata wakho uze ufike wena ngomso ukuze sikuxelele isigqibo sethu. Kaloku thina sibadala, ngoko ke ingqondo yethu ayikhawulezi njengale yenu. Uyeva ke nyana?'

Lonke eli xesha athethayo uMamTolo wayebambe isandla sikaThandabantu, kanti umqaphele ukuba kudala zinqumleza umbombo iinyembezi, koko nje ejonge ngaseludongeni ukuzama ukuzifihla bangamboni. UMonwabisi wadomboza ehumzela ebulela wathi khwaphululu wathatha imitsi embalwa waphuma apho elandela uMamTolo ukuya kuvala ucango.
'Yintoni tata le ikukhathazayo?' Wabuza kwindoda yakhe.

3.2.1 Xela ukuba yintoni le iza noMonwabisi kuMamTolo noRhadebe. (1)

3.2.2 Nika intsingiselo yebinzana elikrwelelwe umgca ngaphantsi ngokwakwisicatshulwa. (2)

3.2.3 Xela ingcinga eziswa yintetho kaMamTolo ebhalwe ngqindilili. (2)

3.2.4 Ngqina ngeengongoma eziNTATHU ukuba umbhali uphumelele ukumzoba njengomlinganiswa obathandayo abantu uThandabantu kule noveli. (3)

3.2.5 Sifundisa ntoni isenzo sikaMonwabisi sokuthobela ingqeqesho yakwaThandabantu. (2)

3.2.6 Chaza indlela awasweleka ngayo uGcinumzi. (2)

3.2.7 Tshatisa umlinganiswa okuKHOLAM B nenkcazelo ekuKHOLAM A.

| KHOLAM A | KHOLAM B |
|---|---|
| (a) Umlinganiswa ophikisana nazo zonke iinjongo zomlinganiswa oyintloko | (i) umamTolo |
| (b) Umlinganiswa ongqongwe zizo zonke iziganeko zebali | (ii) umaRhadebe |
| (c) Umlinganiswa omele uhlobo oluthile lwabantu | (iii) uThandabantu |
| | (iv) USamkelo Zangone |

(3 x 1) (3)

3.2.8 Ingaba le noveli iphela ngendlela elindelekileyo? Xhasa impendulo yakho. (2)
**[35]**

**AMANQAKU ECANDELO A: 35**

## ICANDELO B: IDRAMA

Kweli candelo, kukho imibuzo esetwe kwezi drama zilandelayo:

- *Ndiyekeni* nguDM Jongilanga
- *Inzala YamaRhamba* nguM Mlokoti

Phendula YONKE imibuzo ekwidrama oyifundileyo.

### UMBUZO 4: *NDIYEKENI* – DM Jongilanga

Funda ezi zicatshulwa zilandelayo zithatyathwe kule drama uze uphendule imibuzo esetwe kwisicatshulwa ngasinye. Amanqaku awabelwe umbuzo asisikhokelo sobude obulindelekileyo bempendulo.

**QAPHELA**: Phendula imibuzo esetwe kuzo zoziBINi izicatshulwa, oko kukuthi UMBUZO 4.1 noMBUZO 4.2

4.1 Funda esi sicatshulwa silandelayo uze uphendule imibuzo.

**ISICATSHULWA G**

| | |
|---|---|
| MADALA: | Khawusiphakele mfo kaNdila. |
| NDILA: | Ndiyavuma ukuba ndiyaginya, kodwa ke ayikho le yokuba ndiginya ngexesha lesikolo. |
| LONI: | **Ushushu ngoku.** |
| MADALA: | Kahle, titshala, aninakuphendulana ngolu hlobo. Ubusathini mfo kaNdila? |
| NDILA: | Ndigqibile nkos'am. |
| JEKWA: | Mhlalingaphambili, kudala siquqa apha kudala ndisitsho. Uyabona mna ndiyanxanwa gqitha kodwa owam umntwana andifuni tu ukuba afundiswe linxila elifana nam. |
| MADALA: | Hlala phantsi Mnu. Jekwa. Ubushushu bobuyatha budla ngokuwona umcimbi onje. |
| JEKWA: | Uyandithuka? |
| MADALA: | Nakanye nkos'am. He! Malungu ekomiti nivile ke, nawaphulaphula amacala omabini. Ngabantwana benu aba baxabana ngezesikolo. Sihlala intlalo yethu apha yokubonelelana nokuvelana mhla ngengxaki. Phambi kokuba niphendule, sizazi izisu zenu, makhe ndibuze le mibuzo: <u>Siyaqala na ukubona ititshala eselayo ngale?</u> Andithi zisela mfuleni mnye zonke? Siza kudiliza udonga lwale, sishiye olwayiphi? UmntakaNdila ezalwa ekhay'apha nje uchukelwa ngokuba kutheni? Nithi makaye phi, asebenze phi? Andithi igeza libotshwa kowalo? Hee! – |
| JEKWA: | Ukuba aliziva iintambo, andithi nabakowalo balinikezela kwabasemzini? |
| ZUMA: | Sidiniwe zezi ziyalo. Makuvotwe. |

| | | |
|---|---|---|
| MAVUSO: | Amayilo akazange aphele kweli mhlalingaphambili. Aniyiva le nto ithethwa ngusihlalo? Nidlula phi kwilizwi lakhe? Nithi makuvotwe kuba nifuna ukuphisa ngelifa labantwana bethu? Ngabantwana bethu aba bonke sibazele, ingxaki yabo yeyethu. Ngako oko makungabi lula ukubanqumlela egoqweni. | 30 |
| MADALA: | Hee! Bendisatsho ke. Andiyazi into evusa umnyele apha kooJekwa. | |

4.1.1 Xela le nto athi uMadala 'mayiphakwe' nguNdila kwikomiti yaseNobutho. (1)

4.1.2 Chaza okuthethwa nguLoni kwintetho yakhe ebhalwe ngqindilili kwisicatshulwa. (2)

4.1.3 Ngokolwazi lwakho lwebali ingaba ayinyani la mazwi kaNdila athi, 'Ndiyavuma ukuba ndiyaginya, kodwa ke ayikho le yokuba ndiginya ngexesha lesikolo'. Xhasa impendulo yakho. (2)

4.1.4 Ngokoluvo lwakho ingaba kulungile ukuba uMadala afune kuxolelwe uNdila kuba ezalwa kulaa lali? Xhasa impendulo yakho. (2)

4.1.5 Xela indima edlalwe nguMaziko ukuze kubekho le ngxoxo ikwesi sicatshulwa. (2)

4.1.6 Chaza ukuba ukugxothwa kukaNdila kubuchaphazele njani ubudlelwane bakhe noLoni. (2)

4.1.7 Xela ukuba esi sicatshulwa sithathwe kweliphi inqanaba lesakhiwo sebali. (1)

4.1.8 Loluphi udidi lozobo azotywe ngalo umlinganiswa onguMadala kwesi sicatshulwa. Xhasa impendulo yakho. (3)

4.1.9 (a) Xela udidi lwempixano ephakathi kukaNdila noLoni kweli bali. (1)

(b) Chaza ukuba le mpixano iphakathi kukaNdila noLoni ilikhulise njani ibali. (2)

**KUNYE**

4.2 Funda esi sicatshulwa silandelayo uze uphendule imibuzo.

**ISICATSHULWA H**

(*Intlanganiso yekomiti yesikolo idibene kuxoxwa ngoLoni Mawonga ekho onke amalungu.)*

| | |
|---|---|
| MADALA: | Malungu ekomiti ivuliwe intlanganiso. Kambe ke umcimbi esingawo apha seniwazi, waziwa nini nangaphezu kwam. KuMvulo ophelileyo sabizelwa esikolweni ngabahloli, apho safika utitshala lo wethu mkhulu egula, eguliswa zezeli lizwe. Umcimbi lo ayisengowenu, ngokaRhulumente nabahloli. Ke ... |
| NKOSK ZINZO: | Ke sibizelweni na xa kunjalo? |
| MADALA: | Ke, nibizelwe ukuba naziswe okokuba kukho into enje, nicebise ukuba ninakho. Ndimi (*Ahlale)* |
| MAVUSO: | Sihlalo, akusekho kuthundeza bhityo namhlanje. Lo mfana <u>waziwa nanguthathatha</u> ukuba ulala apho ahlwelwe khona echolwa nasezitalatweni. |
| JEKWA: | Namhlanje ninkqenkqeza phambili okweefolosi. Kubaswe phi, kubase bani? |
| MADALA: | Zinkosi yekani izagwelo, nangu umcimbi. **Nikubonile ukutshila kwentambanane**, **nikubonile ukudubula kwenkanga, senibona ngoku ukutha kwayo**. |
| LAMLA: | Siyaxakwa thina mayilo xa kunje. |
| ZINZO: | Sivile mhlalingaphambili, sisacinga indlela yokunqanda inkanga ingethi ide itshe pam. |
| MAVUSO: | Kanene inimba inamaqhinga? Nanitheni ngomhla ngoNdila senifuna-funa indledlana nje? Makahambe naye. |
| JEKWA: | Mna ndiphakamisa ukuba acetyiswe lo mfana okokuba arhoxe emsebenzini ngoku. |
| LAMLA: | Ndiyasekela, liyinyaniso elo. (*Avumelane amalungu).* |
| MADALA: | Ndihlala ndinixelela mihla le ukuba sikwixesha esingalaziyo, laziwa ngabaninilo kuphela. Ukugweba ngophondo mihla le akusisi ndawo, kungekho nonokugxeka omnye nomnye irhawu lidla umzi. |

4.2.1 Xela oku kugula kukaLoni athetha ngako uMadala. (1)

4.2.2 Nika intsingiselo yebinzana elikrwelelwe umgca ngaphantsi ngokwakwisicatshulwa. (2)

4.2.3 Xela ingcinga eziswa ngamazwi kaMadala abhalwe ngqindilili. (2)

4.2.4 Ngqina ngeengongoma eziNTATHU ukuba umbhali uphumelele ukumzoba njengomlinganiswa oxabise imali ebantwini uFuneka kule drama. (3)

4.2.5 Sifundisa ntoni isenzo sikaNdila sokwamkela icebiso likaMaziko lokuziphindezela? (2)

4.2.6 Chaza indlela awasweleka ngayo uLoni. (2)

4.2.7 Tshatisa umlinganiswa okuKHOLAM B nenkcazelo ekuKHOLAM A.

| KHOLAM A | KHOLAM B |
|---|---|
| (a) Umlinganiswa ophikisana nazo zonke iinjongo zomlinganiswa oyintloko | (i) USajini Njobe |
| | (ii) UNdila |
| (b) Umlinganiswa ongqongwe zizo zonke iziganeko zebali | (iii) ULoni |
| | (iv) UMaziko |
| (c) Umlinganiswa omele uhlobo oluthile lwabantu | |

(3 x 1) (3)

4.2.8 Ingaba le drama iphela ngendlela elindelekileyo? Xhasa impendulo yakho. (2)

**[35]**

**UMBUZO 5: *INZALA YAMARHAMBA* – M Mlokoti**

Funda ezi zicatshulwa zilandelayo zithatyathwe kule drama uze uphendule imibuzo esetwe kwisicatshulwa ngasinye. Amanqaku awabelwe umbuzo asisikhokelo sobude obulindelekileyo bempendulo.

**QAPHELA**: Phendula imibuzo esetwe kuzo zoziBINi izicatshulwa, oko kukuthi UMBUZO 5.1 noMBUZO 5.2.

5.1 Funda esi sicatshulwa silandelayo uze uphendule imibuzo.

**ISICATSHULWA I**

| | |
|---|---|
| NCAPHAYI: | Ndithi nokuba ndiyathandaza ezinzulwini zobusuku, ndithandazela umoya wam wamkeleke kuThixo, ndithandazela abantwana bam ukuba uThixo abasikelele. Kodwa ndithi ndakufika kwindima enoDina, asuke aphele emqaleni nkosikazi, zehle iinyembezi. |
| MATSHEZI: | Zixolise wethu Tolo, uThixo iliso Lakhe liyabona tata, uyazazi iindlela zakho zonke. Nguye oya kukuvuza ngemisebenzi yakho emihle. Nceda musa ukuzikhathaza ngalo mntwana. |
| NCAPHAYI: | Kunjalo kona mfazi. Kodwa! Ibinga ingathi ndisiya kulala engcwabeni ndibe ndiseluxolweni, ndisazi ukuba indlu yam ndiyishiya ilungelelene. |
| MATSHEZI: | Eneneni masiyixhome kuThixo imeko yalo mntwana tata. Ewe yona iyasikhathaza sonke. Isuke yanjengelifu elimnyama elilenga-lenga phezu kwethu sonke. Umzi wonke unxubile yimeko kaDina. |
| NCAPHAYI: | Eyona nto indingcungcuthekisayo kulo mntwana yile **yokungalali ekhaya iintsuku zide zilandelelane.** Athi nalapho abuye khona abuye enobubele apha obungaqhelekanga, ahlale iintsuku zibembini aphinde anyamalale. |
| MATSHEZI: | Lo mntwana akanamkhondo. Usuke walithole lerhamba, lona lithi lizalwa nje libe likreqa kunina. |
| NCAPHAYI: | Kwekhu! Inene ndiyazisola mfazi, kukho apho ndisilele khona ekuqeqesheni aba bantwana. Umoya wam awuvumi nkosikazi. |
| MATSHEZI: | Hayi kanti Tolo, ungakhe ulinge uzisole ngalo mntwana. Nanku uZanoxolo, uBantubomzi noNtomboxolo abanayo kwanto. Uncede ungakhe ulinge uzisole tata, ngomratu oqaqadekileyo. |
| NCAPHAYI: | Kodwa! Ndinga ndingade ndiye kungena engcwabeni ndinesingqala MaTshezi. |

5.1.1 Xela le ndima kaDina yayiphelisa amazwi emqaleni kuNcaphayi. (1)

5.1.2 Chaza okwenza ukuba uNcaphayi athethe la mazwi abhalwe ngqindilili kwisicatshulwa. (2)

5.1.3 Ngokolwazi lwakho lwebali ingaba ayinyani la mazwi kaMamTolo athi, 'Usuke walithole lerhamba'. Xhasa impendulo yakho. (2)

5.1.4 Ngokoluvo lwakho ingaba kulungile ukuba uNcaphayi azisole ngengqeqesho yakhe kuDina? Xhasa impendulo yakho. (2)

5.1.5 Xela indima edlalwe nguNoyongo ukuze kubekho le ncoko ikwesi sicatshulwa. (2)

5.1.6 Chaza ukuba ukukhulelwa kukaDina kubuchaphazele njani ubudlelwane bakhe noThambolenyoka. (2)

5.1.7 Xela ukuba esi sicatshulwa sithathwe kweliphi inqanaba lesakhiwo sebali. (1)

5.1.8 Loluphi udidi lozobo azotywe ngalo umlinganiswa onguNcaphayi kwesi sicatshulwa. Xhasa impendulo yakho. (3)

5.1.9 (a) Xela udidi lwempixano ephakathi kukaDina noThambolenyoka kweli bali. (1)

(b) Chaza ukuba le mpixano iphakathi kukaDina noThambolenyoka ilikhulise njani ibali. (2)

**KUNYE**

5.2 Funda esi sicatshulwa silandelayo uze uphendule imibuzo.

**ISICATSHULWA J**

NOYONGO: (*Emangalisiwe mpela ngoku)* Esithi asinguye nje mhlekazi, babulewe yintombazana enempahla emnyama?

GXALABA: Hayi nkosikazi sukuba sisibhanxa. Ulahla umkhondo uThambolenyoka. Nguye lo unibulalayo. Unigqiba ngabanye-ngabanye yaye sele kusele wena ngoku. Sikusindisa kulo ngozi ke size sikugcina apha nje. Akubanjwanga.

NOYONGO: **Ingqondo yam ixinene mhlekazi.** Andazi angathini uThambolenyoka?

GXALABA: Kaloku uThambolenyoka lo kudala simphanda, sifuna ukumvalela sifuna ukumvalela ngobuqhokolo bakhe. Ke uyawabulala amangqina ukuze kungabikho mntu uzakuma enkundleni anike ubungqina nxamnye naye. Nawe uyayazi loo nto. Yiyo loo nto enibulala ngabanye-ngabanye. Uthi nazi gqitha ngobutshijolo bakhe. Ngoko ke ninobungozi kuye.

NOYONGO: Ngoku athi babulewe yilaa ntombazana?

GXALABA: Uyaxoka. Ulahla nje umkhondo. Ufuna ningaqondi.

NOYONGO: Ngoku niza kuthini?

GXALABA: Hayi ungazikhathazi. Thoba ixhala, yonke into isezandleni zethu. Siza kukugcina apha wena ukhuselekile. Inye nje qha wena into esifuna usincede kuyo. Sifuna usixelele yonke into oyaziyo ngaye noshishino lwakhe. Ume njengengqina. Usixelele konke. Emva koko siza kumvalela ubomi bakhe bonke ejele. Nawe ke ukhululeke. Uphile ungenaxhala.

NOYONGO: (*Wanga ubotshwe emnweni)* Ushishina ngeziyobisi. Ukwayoba nabantwana abangamantombazana, abafake kushishino lwakhe lokuthengisa ngemizimba. Uyabaxhaphaza nokubaxhaphaza, esakugqiba abakhanyele.

| | |
|---|---|
| GXALABA: | Ubabanjelwa ngubani? |
| NOYONGO: | (*Wajonga phantsi edibanise izandla edlala ngeminwe, ejikelezisa oobhontsi).* |
| GXALABA: | Enyanisweni siyazi yonke into. Ubabanjelwa nini. Ngakumbi wena. |

5.2.1 Xela le nto imangalise uNoyongo. (1)

5.2.2 Nika intsingiselo yebinzana elikrwelelwe umgca ngaphantsi ngokwakwisicatshulwa. (2)

5.2.3 Xela ingcinga eziswa ngamazwi kaNoyongo abhalwe ngqindilili. (2)

5.2.4 Ngqina ngeengongoma eziNTATHU ukuba umbhali uphumelele ukumzoba njengomlinganiswa oyingozi kubantu ababhinqileyo uThambolenyoka kule drama. (3)

5.2.5 Sifundisa ntoni isenzo sikaDina sokuthemba uNoyongo angamaziyo? (2)

5.2.6 Chaza ukuba kwakusithiwa basweleka njani abasebenzi bakwaThambolenyoka. (2)

5.2.7 Tshatisa umlinganiswa okuKHOLAM B nenkcazelo ekuKHOLAM A.

| **KHOLAM A** | **KHOLAM B** |
|---|---|
| (a) Umlinganiswa ophikisana nazo zonke iinjongo zomlinganiswa oyintloko | (i) uSajini Gxalaba |
| | (ii) uNoyongo |
| (b) Umlinganiswa ongqongwe zizo zonke iziganeko zebali | (iii) uThambolenyoka |
| | (iv) uDina |
| (c) Umlinganiswa omele uhlobo oluthile lwabantu | |

(3 x 1) (3)

5.2.8 Ingaba le drama iphela ngendlela elindelekileyo? Xhasa impendulo yakho. (2)
**[35]**

**AMANQAKU ECANDELO B: 35**

## ICANDELO C: AMABALI AMAFUTSHANE

Kweli candelo, kukho imibuzo esetwe kula mabali mafutshane alandelayo:

- 'KANTI ANDIZENZANGA' nguEZ Guqa
- 'UMHLAHLO NGAMEHLO' nguLL Ngewu

Phendula YONKE imibuzo ekwibali elifutshane olifundileyo.

**UMBUZO 6: *NDAKUYICELA IVUTHIWE* – LL Ngewu no EZ Guqa**

Funda ezi zicatshulwa zilandelayo ezithatyathwe kumabali amaBINI uze uphendule imibuzo esetwe kwisicatshulwa ngasinye. Amanqaku awabelwe umbuzo asisikhokelo sobude obulindelekileyo bempendulo.

**QAPHELA**: Phendula imibuzo esetwe kuzo zoziBINi izicatshulwa, oko kukuthi UMBUZO 6.1 noMBUZO 6.2

6.1 **'KANTI ANDIZENZANGA – LL Ngewu**

Funda esi sicatshulwa silandelayo uze uphendule imibuzo.

**ISICATSHULWA K**

Ngobo busuku walila uMaDam ebuza ukuba uSomandla umlinga ngantoni na. Kuse ngengomso evukela kwamfundisi ukuya kubika olu daba. Ufike waluphalaza lo mfazi udaba aze ngalo iphulaphule le nqeberhu ingaphungu-phunguzi. Apho agqibe khona ukukhupha imbilini yakhe uMaDosini, ucele uxolo umfundisi wakhe waphuma kule ndlu. Ubuye ephethe iBhayibhile wayityhila engathethi nto. Uthe akusifumana isicatshulwa ebesikhangela, wenjenje, 'Mama, ndiyayiva intlungu yakho. Kulo mcimbi uze ngawo inye into eza kusigweba yiBhayibhile le. Mamela ke ndikuvise okuthethwa yiBhayibhile ngalo mcimbi.'

Usifundile umfundisi isicatshulwa siside sinjalo waza kufikelela kumazwi athi, 'Ngenxa yoko, uThixo wabanikela ekuthabathekeni okulihlazo; kuba namankazana abo umsebenzi wasemvelweni awananisela okunxamnye nemvelo; kwaza kwangokunjalo ke namadoda, uwushiya umsebenzi wenkazana wasemvelweni, avutha ngokukhanukana kwawo, amadoda esenza kumadoda okuziintloni, ezamkelela umbuyekezo wokulahleka kwawo, abemelwe ke nguwo.'

Uyivalile umthanjiswa iBhayibhile waguqukela kuMaDosini esithi, 'Le ncwadi ibhekisa njalo ke kulo mcimbi uwuhambeleyo.'

'Mfundisi, mna ndifuna ukuqonda ukuba wena uthini kanye kulo mcimbi.. 'Hayi nam ndizibandakanya nesigqibo senkundla.'

'Ngamany'amazwi nawe baw'umfundisi uyamgweba unyana wam?'

'Hayi Dosini akagwetywa ndim. Ugwetywa yiBhayibhile.'

'Ke ngoko bawo abantu abanje bafanel'ukulahlwa?' Ulandelise wathi, 'Bendiba ke bawo unokundibonisa uhlobo lokumenyula kule nyula akuyo.'

6.1.1 Xela le nto yayisenza azibone elingwa uMaDosini. (1)

6.1.2 Chaza ukuba waphendula njani umfundisi kwingxaki kaMaDosini. (2)

6.1.3 Ngokolwazi lwakho lwebali ingaba ayinyani amazwi kaMaDosini athi uMntuyedwa usenyuleni. Xhasa impendulo yakho. (2)

6.1.4 Ngokoluvo lwakho ingaba sasilungile isenzo samakhwenkwe aseSikhobeni sokuxoxisa uMntuyedwa ngokungayi kwiindibano zawo? Xhasa impendulo yakho. (2)

6.1.5 Xela indima edlalwe ngamadoda elali ukuze kubekho le ngxoxo. (2)

6.1.6 Chaza ukuba ukungafumani ncedo kukaMaDosini kumfundisi kubuchaphazele njani ubomi bukaMntuyedwa. (2)

6.1.7 Xela ukuba esi sicatshulwa sithathwe kweliphi inqanaba lesakhiwo sebali. (1)

6.1.8 Loluphi udidi lozobo azotywe ngalo umlinganiswa onguMaDosini kwesi sicatshulwa? Xhasa impendulo yakho. (3)

6.1.9 (a) Xela udidi lwempixano ephakathi kukaMntuyedwa namadoda aseSikhobeni. (1)

(b) Chaza ukuba le mpixano iphakathi kukaMntuyedwa namadoda aseSikhobeni ilikhulise njani ibali. (2)

**KUNYE**

6.2 **'UMHLAHLO NGAMEHLO' – LL Ngewu**

Funda esi sicatshulwa silandelayo uze uphendule imibuzo.

**ISICATSHULWA L**

Ummangali ibinguNonkanyezi intwazana eyayigqwashule yaphuma enkundleni ngokugxothwa lipolisa kuba ibonakele iselula mhla kwakuxoxwa ityala likaNompoxeko. Iyixelele le ntwazana inkundla ukuba uZolani wayazisa ukuba nokuba ingaya kweyiphi na inkundla akayi kubhungca emacebetshwini kuba yena enobungcali bokubhutya umntu ngobubende inyama engayidlanga. Le ntwazana iyixelele inkundla ukuba ummangalelwa lo njengamfana wakwaMthi uzingce ngokuba yena unomthi kanomyayi yaye kudala ekweli khondo. UNonkanyezi lo ubeyiphale kanobom le nkewu ngezo nzipho zakhe, zimfutshane zinjalo. Uhlangulwe kumalinge eli tshijolo kukusitsho esofelweyo, esisitshotho enjalo. Eli tyala belichotshelwe ndedeba yimbi, ebekubonakala ukuba ayikatofeki zizihelegu ezenziwa ngabantu.

UZolani apho abuvume khona ubugwenxa bakhe umtshutshisi wenze into engaqhelekanga yokuchubela inkundla uhlobo le nkewu yaphuncuka ngalo kwelinye ityala lobudlwengu. Izamile indoda ebichophele eli tyala ukulumkisa ngelithi asingomsebenzi wenkundla ukunqika iziduli nokuphanda amadlaka koko esi silumkiso asimfakelanga maqhubu umtshutshisi. Umtshutshisi ucele umchopheli weli tyala ukuba alum'elahla angawobolozeli kuba ilizwe lonakale zizidlwengu ezidliselayo. Uyiqukumbele intetho yakhe ngelithi wenzela ukuba umchopheli weli tyala **angayenzi impazamo yokucinga ukuba le nkewu iyaqala ukutyhilizela abantu abaselula basetyhini kweli tyholo lenkohlakalo.**

Ummangalelwa ugwetywe ukuba achithe ubomi bakhe bonke entolongweni. Nanamhla inkundla ibizele imi ngeembambo ...

6.2.1 Xela ukuba lityala lantoni eli lichotshelwe kule nkundla. (1)

6.2.2 Nika intsingiselo yentetho ekrwelelwe umgca ngaphantsi ngokwakwisicatshulwa. (2)

6.2.3 Xela ingcinga eziswa ngamazwi omtshutshisi abhalwe ngqindilili. (2)

6.2.4 Ngqina ngeengongoma eziNTATHU ukuba umbhali uphumelele ukumzoba njengomlinganiswa osisidlwengu esingazimiselanga kuguquka uZolani. (3)

6.2.5 Sifundisa ntoni isenzo sikaNonkanyezi sokuyimela ngeenyawo ingxaki yakhe? (2)

6.2.6 Chaza okwenziwa nguNonkanyezi ukuze kubekho ubungqina bokuba uZolani ebezama ukumdlwengula. (2)

6.2.7 Tshatisa umlinganiswa okuKHOLAM B nenkcazelo ekuKHOLAM A.

| KHOLAM A | KHOLAM B |
|---|---|
| (a) Umlinganiswa ophikisana nazo zonke iinjongo zomlinganiswa oyintloko | (i) umtshutshisi<br>(ii) uZuziwe |
| (b) Umlinganiswa ongqongwe zizo zonke iziganeko zebali | (iii) uZolani<br>(iv) uNompoxeko |
| (c) Umlinganiswa omele uhlobo oluthile lwabantu | |

(3 x 1) (3)

6.2.8 Ingaba eli bali liphela ngendlela elindelekileyo? Xhasa impendulo yakho. (2)

**AMANQAKU ECANDELO C: 35**

## ICANDELO D: ISIHOBE

Kweli candelo, kukho imibuzo esetwe kule mihobe ilandelayo:

- 'Ingcwaba' – S Maputi
- 'Mfazindini wase-Afrika' – KN Manciya

Phendula YONKE imibuzo ekwimibongo oyifundileyo.

**UMBUZO 7: *IVAMNA BAFAZI BOLUSU* – S Maputi nabanye**

Funda lo mbongo nesicatshulwa sombongo esilandelayo uze uphendule imibuzo. Amanqaku awabelwe umbuzo asisikhokelo sobude obulindelekileyo bempendulo.

**QAPHELA:** Phendula imibuzo esetwe kuyo yomiBINI imibongo oyifundileyo, oko kukuthi UMBUZO 7.1 noMBUZO 7.2

7.1 Funda lo mbongo ungezantsi uze uphendule imibuzo elandelayo.

**INGCWABA – S Maputi**

Simanga somngxuma, <u>awuhluthi</u>;
Umntu simgqibela ekhaba;
Emva kwethuba **umhluthe**;
Umphathele imbengwana ephanda;
Uncume, kaloku uhlobene nokufa;
Sele bemi ngemihlakulo besomba;
Ukhintsele usala nokuthufa.
Umhla, iveki, ngabanye behamba;
Ukhamisela emoneni, umumatha;
Puqa! Loo mkhaba unge ugcwele ufuthe.
Ezibhedlele, nasezindleleni uthungatha;
Kungentsuku zatywala uwuthe;
Akabethelwa nangu 'doh' umnini,
Emathunjini omhlaba kwesakhe isilili.

7.1.1 Lizisa ntsingiselo ni igama elinomgca ngaphantsi kumqolo woku-1. (2)

7.1.2 Xela okuvezwa ligama elibhalwe ngqindilili kumqolo wesi-3. (2)

7.1.3 (a) Nika udidi lwesafobe esifumaneka kumqolo wesi-5. (1)

(b) Chaza ukuba sizisa ntsingiselo ni ngokwakulo mbongo. (2)

7.1.4 Ibhekisa koobani imbongi kumqolo wesi-6? (1)

7.1.5 Nika umcamango oqulethwe ngumqolo wesi-7 nowe-9. (2)

7.1.6 Cacisa okuphuhliswa yimbongi kumqolo wesi-8. (2)

7.1.7 Chaza indlela ochasana ngayo umqolo we-10 nowe-12. (2)

7.1.8 Cacisa indlela ikhaphulethi eyahluka ngayo kumbongo uwonke ngokwalo umbongo. (2)

7.1.9 Ityala umoya onjani imbongi kulo mbongo? Xhasa impendulo yakho. (2)

KUNYE

7.2 Funda lo mbongo ungezantsi uze uphendule imibuzo elandelayo.

**MFAZINDINI WASE-AFRIKA – KN Manciya**

Yizani bantu ningqine nank'umhlola.  
Namhla kumhla ndalam'isimanga.  
Silo sini na esi sity'utyani ngerhengqe?  
Yintoni na le inje mzi wakowethu aph'ekhaya?  
Usisilo na nokokuba ungumntu na?  
Thetha kaloku, usabele xa ungumntu. Yeha!  
Lixhishini utyani urheme bumthe swii.  
Usisidla-tyani na de uthi swii mazindini?

Kuloo maqhwa aqhaqhazelisa imihlathi,  
Ndithe mandla umfazi waseAfrika edovud'udaka,  
Ath'exovaxova ab'enyovanyova ngezo zandla.  
La mazwembezwembe ulungiselela iimini zikaXakeka emtyantini.  
Ndimalam'entsintsitheka neziqonga zeepali ezidal'incilikithi;  
Exhibitheka nje ubawozala ukhala ngebhekilana yomthayi.  
Yaya phi na imfobe kwesi sizwe sethu mdakasholondini?  
Mazi zase-Afrika zona kade zayibamb'itshisa, sithi ngxe!

Zitsholoza nje iimbiza zemipheko zicela yena,  
Ukhula lusenzel'izothe engekho lo mfazana.  
Ndima yakhe ayinamyinge aph'emtyantini.  
Bushushu balo mzi buphehlwa nguye.  
Engalanywa kulalw'egxwalil'amehlo.  
Kusapho olufa ngeso sandla sakhe sishushu.  
Akuthi sithe kulawul'unxunguphalo emzini.  
Bon'ezo zishwayimbana zakhe zimthwebevu.

7.2.1 Chonga igama elithetha into engaqhelekanga kumqolo woku-1. (1)

7.2.2 Nika isixhobo sesandi esikumqolo wesi-3. (1)

7.2.3 Xela amagama amaBINI imbongi ewanika umfazi wase-Afrika kumhlathi woku-1. (2)

7.2.4 Nika intsingiselo yegama 'swii' elikumhlathi wokuqala. (2)

7.2.5 Xela umfanekiso-ngqondweni ofumaneka kumqolo we-11 uze uxele ukuba utyhila ntoni ngomfazi waseAfrika. (3)

7.2.6 Unika ngcinga ni umqolo we-15 ngesizwe semidakasholo? (2)

7.2.7 Xela imisebenzi emiBINI eyenziwa ngumfazi waseAfrika efumaneka kumqolo we-17 nowe-18. (2)

7.2.8 Chaza isakhiwo sangaphandle sale mihlathi icatshulweyo kulo mbongo. (1)

7.2.9 Luluphi udidi lombongo ekucatshulwe kuwo esi sicatshulwa? Xhasa impendulo yakho. (3)

**AMANQAKU ECANDELO D: 35**
**AMANQAKU EWONKE: 70**